## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1. 1.1.1 Kungokuba uNomakhwezi uthi kuYolisa akazange ende.√ (1)

1.1.2 Kunjalo, kuba uthi uNomakhwezi ukuba ubulumko bukaYolisa buzama ukuquma uLungile kule mikhwa yakhe, ingasuka ihle ehlayo.√√ (2)

1.1.3 'Utata xa ezayo kwakusaziwa ukuba uza kufika namaqithiqithi'.√√ (2)

1.1.4 Kungokuba wayekholelwa ukuba uLungile uyathandana kwaye ulala ezihotele namantokazi.√√ (2)

1.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo√ kuba imizi ye-inshorensi yayingekho kwixesha lamandulo.√ (2)

1.1.6 (a) Kukuxelela uNomakhwezi ukuba ubone uLungile nentombi eHotele√/kukuxelela uNomakhwezi ukuba ubone uLungile ehleli noMebhelina asebenza naye.√ (1)

(b) Silikhulise ngokuthi uNomakhwezi aqhekeze iifestile zemoto yomsebenzi√√/ngokuthi uNomakhwezi axambulisane noYolisa ithuba elide bephendulana umnyele uvuke mpela kuYolisa.√√ (2)

1.1.7 Kukwenzakala komtshana wakhe endaweni yokuba kubulawe uMpumelelo ngootsotsi ababethunyiwe√√/kukuba kuza kuphela kubhubha umtshana wakhe endaweni yokubhubha kukaMpumelelo abejonge ukuba kufe.√√ (2)

1.1.8 Kunjalo, kuba ebalini uvela kuphela xa elumkisa uThamsanqa malunga neyelenqe lokuba kuza kutshiswa ivenkile yakwaNtsibande.√√ (2)

1.1.9 Ngokuthi uMpumelelo azimisele kwizifundo zakhe phakathi kwaloo mahla ndinyuke wokugula xa wayesesikolweni nasesinaleni, nokubhubha kwabazali de aphele enguqhirha ophume izandla/ odumileyo kwizifo zengqondo. √√ (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Beze emngcwabeni kaLungile noNomakhwezi√√/badityaniswe sisingcwabo sabazali bakaMpumelelo.√√ (2)

1.2.2 Kunjalo, kuba isimo sabo sokuba ngabantu abalumeleyo uxanduva lomzi kaLungile sixelwe ngokungafihlakalanga.√√ (2)

1.2.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/wokubona.√ (1)

1.2.4 B√ /B Abazali bakaMpumelelo basweleka kwingozi yemoto.√/Abazali bakaMpumelelo basweleka kwingozi yemoto.√

D√ /D Iyelenqe lokuzama ukutshisa ivenkile yakwaNtsibande.√/ Iyelenqe lokuzama ukutshisa ivenkile yakwaNtsibande.√ (2)

1.2.5 Ngokuba nangoku sebeswelekile ooLungile noNomakhwezi unyanzelise uNtongana ukuba aye kufuna amaphepha evenkile kuThamsanqa kuba esathi iselungelweni labo.√√ (2)

1.2.6 Kunjalo, kuba wafumana isivumelwano sokushishina ngesilarha√√/ kuba urhwebo lonke lwaluqhuba ngendlela eyanelisayo kakhulu√√/kuba phezu kweveni kwakufunyenwe neloli yokuthutha impahla√√/wayeqeshe nabantu bokujonga la mashishini.√√ (2)

1.2.7 Kukuqinisekisa ngokubakho kweencwadi ezibonisa inkcitho nengeniso eyenziweyo ngamashishini.√
Kukungafuni nokuqhelisa kwakubakho ugqwidi kwicala lamashishini.√
Kukuqinisekisa ukuba abaphendla-phendli beencwadi zamashishini banika ingxelo ekholisayo ngawo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.8 Kubangele ukuba uNozililo enze amayelenqe okufuna ukuyizuza ibe lilifa labo, okubangele ukungavani phakathi kwabakwaNtsibande nooMakhwetshu.√√ (2)

1.2.9 Ndifunde ukuba ukungabi namqolo kungakufaka engxakini√√/ ukuba kungasisiwo sakho esikwenza uphelele ekufeni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)

**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Sesokuba uHlobo wayemtyhola ngokuba wazintyintya ngotywala kuba efuna isibindi sokubulala uLulama√/walalela ndaweni ithile, wadubula uLulama ngevolovolo yakhe – i-,38 *automatic*√/uthe akungaphumeleli xa eqabelisa loo mcimbi wakhe wokungcola wabulala isithandwa sakhe – uEddie√/kusenokwenzeka ukuba ebesele egqibe ekubeni ababulale bobabini ngenxa yokuqonda ukuba akasangeni ndawo uyashiywa nguLulama Zuma. √
[Nayiphi kwezi.] (1)

2.1.2 Kunjalo, kuba uHlobo wayefumene ubungqina acinga ukuba bomeleza eso sityholo wayembeka sona uLinda obuquka isixhobo esasetyenziselwa ukubulala uEddie.√√ (2)

2.1.3 'uEddie akathunywa emabhinqeni'.√√ (2)

2.1.4 Kungokuba uHlobo umtyhola ngokubulala uLulama noEddie√√/ umtyhola ngokuba ebeneenjongo zokubulala uLulama kwaphela kusifa nesithandwa sakhe uEddie.√√ (2)

2.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo√, apho nabantu abamnyama banelungelo lokuthenga umpu.√ (2)

2.1.6 (a) Sesokuzenza isizalwane sikaEddie, uNkosikazi Hobe.√ (1)

(b) Ngokuthi alahle umkhondo ngokuxokisa uHlobo nto leyo eyenza ukuba uHlobo uphando lwakhe alujongise kuLinda.√√ (2)

2.1.7 Kukuba umpu kaLinda wawulahlekile ngexesha kubulawa uEddie.√√ (2)

2.1.8 Kunjalo, kuba uvela kuphela xa uLinda wayeyokusela utywala emzini wakhe ngomhla wokubulawa kukaEddie.√√ (2)

2.1.9 Ngokuthi uJoe Bumba akuva ukuba kubulewe uEddie aziyele ngokwakhe emapoliseni ukuyowanika ubungqina obunokukhokelela ekubanjweni kombulali womhlobo wakhe uEddie√√/azise uHlobo ngenkqubo yequmrhu elilawula u*Moonglow Night Club*, eyayikhokelwa nguEddie ngokuyiva kwangoEddie√√/athethe ngetape recoder yakhe awayiboleka umhlobo wakhe uEddie nawade waphela emthengisela yona.√√
[Nayiphi kwezi.] (2)

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Kungokuba esi sirhoxo samaMpondo asikaziwa ngamapolisa njengokuba kwezinye bebaleke kuba zisaziwa.√√ (2)

2.2.2 Kunjalo, kuba sixelwa ngokuphandle isimo sakhe sokuba ungumntu ophila ngamaqhinga.√√ (2)

2.2.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/wokubona.√ (1)

2.2.4 B√ /B UHlobo undwendwela e*Femina House* ngeenjongo zokuphanda.√/uHlobo undwendwela e*Femina House* ngeenjongo zokuphanda.√

D√ /D UHlobo ufumana i*tape recorder*.√/uHlobo ufumana i*tape recorder*.√ (2)

2.2.5 Ngokuthi uHlobo afumane i*tape recorder* enencoko eshicilelweyo kaEddie ekunye namalungu ase*Moonglow Night Club* apho ayemsongela ngelithi aza kumsusa njengokuba engafuni ukuba kuthengiswe intsangu kulo mbutho wabo.√√ (2)

2.2.6 Kunjalo, kuba isenzo solwaphulo mthetho nokuba senziwe emfihlakalweni side sibonwe nokuba sekukudala kangakanani na njengakule ncwadi amalungu ase*Moonglow Night Club* ade afunyanwa emva kophando olude.√√ (2)

2.2.7 Yincwadi yakhe yokuthatha amanqaku.√
Ngumpu.√ (2)

2.2.8 Ngokuthi azise uHlobo ngokundwendwela kwamalungu ase *MoonGlow Night Club* awafika abuka imoto kaLinda ngaphakathi ewodwa√√/ngokuthi amxelele ukuba umpu kaLinda wawukhe walahleka.√√ (2)

2.2.9 Ndifunde ukuba kubalulekile ukuba abaphandi abangabacuphi bavelele zonke iinkalo xa bephanda khon' ukuze kungabanjwa mntu ungenatyala√√/ukuba ungumntu kufuneka ukuba uqiniseke ngolwazi lwakho ngomntu phambi kokuba uthathe isigqibo ngaye.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)
**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Sesokuba wayemthembile kwaye yonke into ababenayo babeyiqale bobabini.√ (1)

3.1.2 Kunjalo, kuba kuthiwa MamTolo wayengabonisanga kwahluleka okanye ukusindwa nguloo msebenzi womzi wakhe.√√ (2)

3.1.3 'Abathengi bona wayengenaxesha lakuhoyana neemfekethwana zabo√√/wayengamameli nasiphi isikhalazo sabo.'√√ (2)

3.1.4 Kungokuba wayewakokosile kwaye ejonge yonke into enxulumene nawo.√√ (2)

3.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo√ kuba kudala babengekho oonesi abangabantu abaNtsundu.√ (2)

3.1.6 (a) Sesokumamkela emzini wakhe njengomnye wabasebenzi bakhe aze amngcwabe akusweleka.√ (1)

(b) Silikhulise ngokuthi azalele uMonwabisi apha kwaThandabantu ophele ingunyana obahoyayo nosapho zakuba iintombi zakhe zitshe nezwe.√√ (2)

3.1.7 UMamTolo ubakhulise abantwana bakhe ukuba bazive bebakhulu kuMonwabisi, uMonwabisi yena azive esisicaka kodwa ekupheleni kwebali izinto ziyatshintsha, nguMonwabisi obaqokelela sele beduke nelizwe besokola.√√ (2)

3.1.8 Kunjalo, kuba uMaRhadebe uvela ithutyana elifutshane athi akuzala uMonwabisi asweleke, iphele indima yakhe ebalini.√√ (2)

3.1.9 Ngokuthi ingqumbo kaThandabantu imenze aguquke kwisimo sakhe sokuba nobubele, aphele ephatha kakubi nabasebenzi bakhe bengamenzanga nto√√/ngokuthi ingqumbo yakhe imenze ayeke nenkonzo de aqalekise uThixo ngokusweleka kukaGcinumzi akabona ukuba uThixo umnikile omnye unyana onguMonwabisi√√/ ngokuthi ingqumbo kaThandabantu imenze akhalale yonke inkqubela yophuhliso ayisebenze nzima ekuhlaleni.√√ (2)

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Kungokuba waye wahlaselwa sisifo sentliziyo.√√ (2)

3.2.2 Kunjalo, kuba asixelwa ngokuphandle isimo sakhe sokuba ngumntu onenkathalo.√√ (2)

3.2.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/wokubona.√ (1)

3.2.4 B√ /B UGcinumzi uyasweleka kwingozi yebhasi.√ uGcinumzi uyasweleka kwingozi yebhasi.√ (2)

D√ /D UThandabantu ushiywa ngabasebenzi bakhe abaninzi.√ uThandabantu ushiywa ngabasebenzi bakhe abaninzi.√

3.2.5 Ngokuthi uMonwabisi acebise ukuba zichithwe izakhiwo zala mashishini ukuze endaweni yazo kwakhiwe ezinye kuqeshiswe ngazo.√√ (2)

3.2.6 Kunjalo, kuba bamtyhola ngokuba uthwele kwaye umbulele ngokwakhe unyana wakhe√√/kuba abazange bavelane naye akuba eswelekelwe ngunyana wakhe ndaweni yoko bambeka amabala ngokuthi ubulewe yinyoka yakhe athwele ngayo√√/abantu bayishiya ivenkile yakhe baya kuthenga kwezinye kuba besithi uthwele ngenyoka ebulele unyana wakhe uGcinumzi.√√ (2)

3.2.7 Kukusela utywala.√
Kukutshaya.√
Kukulala kwigumbi labafana.√
Kukuhamba kakubi isikolo.√
[Nasiphi isibini.] (2)

3.2.8 Ngokuthi ibe nguMamTolo yedwa ojongene nokukhulisa abantwana kwaye akakubona ukonakala kwabo uThandabantu baphela besonakala izimilo de bahambe behlala, ze balandwa nguMonwabisi.√√ (2)

3.2.9 Ndifunde ukuba izenzo zethu zizo ezisonakaliselayo kubantu abaluncedo kuthi√√/ukuba abantu basincedayo ibangabo abasijikelayo ebomini.√√/Izityholo esizenzayo zinganefuthe elibi empilweni yabanye abantu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Yindawo oqhubeka kuyo umboniso.√
Ngabalinganiswa abakhoyo. √
Yintshukumo yabalinganiswa.√
[Nayiphi kwezi.] (1)

4.1.2 Kunjalo, kuba ubuza ukuba kutheni bezalise indlu√√/kuba ubuza ukuba ngubani obhubhileyo.√√ (2)

4.1.3 'O! Yini kodwa? √√/Yintoni Mawonga mntwanam?'√√ (2)

4.1.4 Ngokuba uthi uThandiwe akukho nto angayenzanga√√/ngokuba uhlala kwaFuneka angaluhoyi usapho lwakhe.√√ (2)

4.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo√, kuba kudala babengafundanga abantu abaNtsundu ngoko ke iitiitshala eziNtsundu zazingekho.√ (2)

4.1.6 (a) Kukuthuma umntwana utywala√/ukunxila kwakhe esikolweni.√ (1)

(b) Ngokuthi abizelwe intlanganiso apho athe wagxothwa esikolweni, ze oko kwakhokelela kwiyelenqe lokuphalaza uMawonga.√√ (2)

4.1.7 Kukuba uZanele uyinxalenye yeyelenqe likaNdila lokuziphindezela kuye.√√ (2)

4.1.8 Kunjalo, kuba uLiziwe uvela kuphela xa abhaqwa nguMaziko evela kuthenga utywala abuthunywe nguNdila ngexesha lesikolo.√√ (2)

4.1.9 Ngokuthi eyele kumgibe wotywala ngenxa yokuthanda iilokhwe√√/ ngokuthi uMawonga azibone sele ehlala kwaFuneka engaluhoyanga usapho lwakhe ngenxa kaZanele athandana naye√√/ngokuthi uMawonga eyele etywaleni afakwe kubo kusetyenziswa uthando lwakhe noZanele.√√ (2)

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Babeze kwenza uphando malunga nokusweleka kukaMawonga√√/babeze kuqonda iinkcukacha ezimalunga noMawonga njengoko efunyenwe eswelekile.√√ (2)

4.2.2 Sesokubanjwa kukaFuneka, uZanele noNdila malunga nokufa kukaMawonga.√√ (2)

4.2.3 Umfanekiso-ngqondweni weliso√/wokubona.√ (1)

4.2.4 B√ /B UMaziko undwendwela kwaNdila.√/ uMaziko undwendwela kwaNdila.√
D√ /D UMawonga uyarhoxa emsebenzini.√/uMawonga uyarhoxa emsebenzini.√ (2)

4.2.5 Luvela xa amapolisa efumana isidumbu sikaMawonga singenanxeba saza saqhaqhwa kwafumaniseka ukuba ubulewe yityhefu√√/ngokuthi kufunyanwe imvulophu enetyhefu ebulele uMawonga.√√ (2)

4.2.6 Kunjalo, kuba uZanele waqiniswa ngamazwi kaFuneka ambonisa ukuba kuMawonga uza kuzuza imali√√/kuba wayesoloko ecela imali kuMawonga.√√ (2)

4.2.7 Wamgxotha endlwini yakhe xa wayeye kuZanele.√
Wayalela uZanele ukuba makahlukane noMawonga.√
Wayemfihla uZanele xa aye kukhangelwa nguMawonga.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.8 Ngokuthi uMadala noMaziko benze iyelenqe lokuba uMawonga kufikwe ngabehloli enxilile esikolweni ze oko kwakhokelela ukuba arhoxe emsebenzini.√√ (2)

4.2.9 Ndifunde ukuba impindezelo yakho oyenza komnye umntu ingaphela ifaka kwawena engxakini√√/ingakukholelela ekufeni√√/ukuba impindezelo iyakwazi ukujikela umniniyo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)
**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Lixesha√
Yindawo√
Ngabalinganiswa abakhoyo√
[Nayiphi kwezi.] (1)

5.1.2 Kunjalo, kuba uthi uNoyongo bonke basuka pha√√/kuba uthi uNomhase uza kumxhaphaza emyobe ngetyhefu.√√ (2)

5.1.3 ‘Lilonyo-lonyo lelwabi lendoda eliya’√√/’useza kumhlabelela u-elandincamisayo'√√/umthiye egazini.'√√/’yandiphoxa gqitha laa nto’√√/'libixibixi lenkunzi yexoxo'√√/’usaza kundazi’√√ (2)

5.1.4 Kuba kubelula kuye ukufumana uDina.√√ (2)

5.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo√ kuba zazingekho iiselfowuni kwixesha lamandulo.√ (2)

5.1.6 (a) Sesokufaka isiyobisi√/sesokufaka umgubo omhlophe.√ (1)

(b) Sibangele ukuba abe lixhoba lokuxhatshazwa ngesondo engekho zingqondweni nguThambolenyoka.√√ (2)

5.1.7 Kukuba le selfowuni wayeyinikwe ngeenjongo zokumloba aze kusebenza kwihotele kaThambolenyoka.√√ (2)

5.1.8 Kunjalo, kuba uvela kanye kuphela xa etyhilelwa indlela athe wabanjwa ngayo uThambolenyoka.√√ (2)

5.1.9 Ngokuthi uThambolenyoka enze imali ngendlela engekho mthethweni yokuxhaphaza abantwana abangamantombazana nto leyo ikhokelele ekubanjweni kwakhe agwetywe.√√ (2)

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Kungokuba ufuna ondle abantwana bakhe√√/kungokuba ufuna uThambolenyoka aze necebo lokondla abantwana bakhe.√√ (2)

5.2.2 Sesokuxabana kukaDina noThambolenyoka de ayokummangalela.√√ (2)

5.2.3 Umfanekiso – ngqondweni weliso√/wokubona.√ (1)

5.2.4 B√ /B. UDina ubalekiselwa esibhedlele ngootitshala bakhe√/ uDina ubalekiselwa esibhedlele ngootitshala bakhe.√

D√ /D. UDina ugxothwa kwaThambolenyoka.√/uDina ugxothwa kwaThombolenyoka.√ (2)

5.2.5 Luvela kwingcaciso enikwa uDina nguSajini Gxalaba, xa uDina wayesithi mabaye kumbamba uThambolenyoka ngezenzo zakhe zokumxhaphaza ngokwesondo nangokumtyisa iziyobisi.√√ (2)

5.2.6 Kunjalo, kuba wagxotha uDina wakukhulelwa emsebenzini√√/ kuba zange afune ukumnceda uDina okanye athathe uxanduva mhla uDina wayeyokufuna uThambolenyoka ukuba ondle abantwana bakhe.√√ (2)

5.2.7 Wayezivalela egumbini lakhe elimdaka nelinukayo.√
Wayesoloko eqolozele iselfowuni.√
Wayephuma ngokuhlwa abuye ezinzulwini zobusuku.√
Wayengengomzekelo kubantwana bakokwabo.√
Wayengabathethisi abantakwabo. √
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.8 Ngokuthi uNoyongo akuva ukuba abanye abasebenzi babulawa nguThambolenyoka aphele echaza okungekho mthethweni okwenziwa nguThambolenyoka, ze oko kwaqinisa ubungqina obenze ukuba umthetho umgwebe uThambolenyoka√√/ngokuthi uNoyongo avume ukuba lingqina lenkundla, nto leyo iye yakhokelela ekubanjweni kukaThambolenyoka, de abe uyagwetywe.√√ (2)

5.2.9 Ndifunde ukuba ukuthemba umntu ongamaziyo kungano-bungozi√√/ukuba kungakufaka engxakini uzibhaqe ulixhoba√√/ ukuba ayingabo bonke abantu abadala abathembakeleyo okanye abanyanisekileyo kwinto abayithethayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: NGUMNTU ONJANI LO?– LL Ngewu & EZ Guqa

### ISICATSHULWA K

6.1

6.1.1 Kungokuba babelungiselela ukuba kuhlale abazili.√ (1)

6.1.2 Kunjalo, kuba umfundisi wayemana ukubuza ukuba ngumntu onjani lo aze kumngcwaba.√√ (2)

6.1.3 '… ubethi ngqe ngaphambili awufunde okwesitshingitshane umqolo.'√√ (2)

6.1.4 Kungokuba kwakukho indoda eyayithwele isankwane kwabe kusenkonzweni yomngcwabo.√√ (2)

6.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kwixesha lokhanyo,√ kuba mandulo abantu babeqhushekwa kungenziwa nkonzo yomngcwabo√/kuba kwakungekho miyalezo yosapho neyabantu ebhaliweyo ethi ifundwe emngcwabeni.√ (2)

6.1.6 (a) Sesokuba angakukhathalaleli ukusebenzisana nabanye abantu ngexesha esaphila.√ (1)

(b) Ngokuthi kudingeke abantu bokukhunga usapho lwakhe akuba ebhubhile√√/ngokuthi ngomhla womngcwabo wakhe abantu benze izenzo zokubonakalisa ukungawuhloniphi umngcwabo wakhe.√√ (2)

6.1.7 Kukuba amadoda ayelinganisa umkhuba kaManduleli ebewenza wokungawuxabisi umcimbi akuwo sele ekhona, into ephambili ibe kukutya inyama.√√ (2)

6.1.8 Kunjalo, kuba wenza kuphela umsebenzi wobufundisi olindeleke kubantu abangabefundisi, wokukhokela inkonzo yomngwcwabo kweli bali.√√ (2)

6.1.9 Ngokuthi kungabikho bantu basekuhlaleni ababonakalisa ukukhathala nokukhathazeka kukubhubha kukaManduleli kuba ebengasebenzisani nabantu ngexesha lokuphila kwakhe√√/ ngokuthi kudingeke abantu bokusebenza ngomhla womngcwabo kuba nangona abantu babekhona babengafuni ukuncedisa.√√ (2)

6.2 **ISICATSHULWA L: 'UMHLAHLO NGAMEHLO – LL Ngewu**

6.2.1 Kungokuba utyholwa ngokudlwengula uNonkanyezi.√√ (2)

6.2.2 Kunjalo, kuba ulwazi malunga nobudala bakhe buxelwe ngokuphandle alufihlakalanga.√√ (2)

6.2.3 Ngumfanekiso-ngqondweni wendlebe√/wokuva.√ (1)

6.2.4 B√ /UNompoxeko uvela enkundleni yamatyala.√/ UNompoxeko uvela enkundleni yamatyala.√
D√ /UNonkanyezi ugxothwa enkundleni yamatyala.√/ UNonkanyezi ugxothwa enkundleni yamatyala.√ (2)

6.2.5 Luvela xa igqwetha limbuza imibuzo uNompoxeko enkundleni yamatyala.√√ (2)

6.2.6 Kunjalo, kuba mhla efumana isigwebo kwabakho iintwazana ezadiza ukuba nazo zakhe zaxhatshazwa nguZolani.√√ (2)

6.2.7 Ziileta.√
Ziifoto.√ (2)

6.2.8 Ngokuthi kwenze ukuba kungabikho mntu umthethelelayo nopheka esophula ummangali ngezityholo abekwa zona nto leyo ikhokelele ekubeni agwetywe.√√ (2)

6.2.9 Ndifunde ukuba inkundla isebenza ngobungqina obubambekayo nobucacileyo√√/ukuba enkundleni yamatyala izaphuli-mthetho ziyakwazi ukuphuncuka zingabanjwa nokuba zinetyala ngenxa yokungabikho kobungqina obubambekayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye

7.1 **'NANGAMSO NYANA WE-AFRIKA' – S Potelwa**

7.1.1 Sikothul' el' umnqwazi√/Halala!√ (1)

7.1.2 Lo mqolo unamagama amahlanu .√ (1)

7.1.3 Yimvano siqalo.√ (1)

7.1.4 Kuyinyani kuba ulwimi lwesiXhosa lolunye lolwimi olusemthethweni olusetyenziswa eburhulumenteni.√√ (2)

7.1.5 ‘Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!’√√ (2)

7.1.6 Sisikhuzo.√ (1)

7.1.7 Ngumbongo-nkcazo√/ngumbongo oncomayo.√ (1)

7.1.8 Silukhulise.√ (1)

7.1.9 Olungamakhwenkwe namantombazana.√ (1)

7.1.10 Ingongoma ephambili yesi stanza yeyokuba ngenxa yenkululeko, iAfrika inethemba lokuba isaya kuqaqamba ibeneenkokeli ngenxa yobukho bolutsha.√√ (2)

7.1.11 Ngowokuba lulutsha olusakhulayo oluzisa ukukhanya.√√ (2)

7.1.12 Ngowokuchulumanca/ngowovuyo√ kuba ibulela imisebenzi emihle nendima edlalwe nguMadiba nezise inkululeko kumzi oNtsundu√√/ kuba isebenzisa amagama afana no 'sikothulel' umnqwazi'; 'nangamso'; tshotsh' ubekho'; 'siyazidla'; 'siyazingca'; njalonjalo.√√ (3)

7.2 **'UBUDALA' – S Maputi**

7.2.1 Iintlungu
Amaqhwa
Iinyakanyaka
[Nasiphi isibini kwezi.]√√ (2)

7.2.2 Yokuba ongomelelanga akaphumeleli ngenxa yoko kuthamba kwakhe.√√ (2)

7.2.3 Yimvanosiphelo.√ (1)

7.2.4 Yeyokuba ubudala abungxami buthatha ixesha ukufika ebomini bomntu.√√ (2)

7.2.5 Kuba unemiqolo eli-14.√
Kuba uneOkhthevu neSesthethi.√ (2)

7.2.6 Ngowokwahlula ulwazi, iingcinga nezimvo, uncedisa ekhwakheni ukundindana nokuphuhlisa intsingiselo kulo mbongo.√√ (2)

7.2.7 Yithoni ebonisa unxunguphalo√/inkxalabo√ kuba isebenzisa isigama esifana nesi; 'bekhweba, behewula enyangweni', 'ukushiywa enyanyeni' esidiza uvakalelo olungekho mnandi.√ (2)

7.2.8 Ngowokuba ubudala sibuthathe njengendlela eya ekupheleni kobomi√√/ngowokuba ubudala kufuneka sibuqonde njengexesha leengxaki zempilo.√√ (2)

7.2.9 Andivumelani kuba ayibuvezi ubudala njengenqanaba elihle ebomini kuba buhamba namava, ubulumko nokuba buyintsikelelo esiyifumana kuMdali ngokusipha ubomi obude emhlabeni.√√

**OKANYE**

Ndiyavumelana kuba utyhila iinyani ezaziwayo malunga nobudala, ezifana nokwaphuka kwempilo kunye nokuba isiphelo sabo lingcwaba.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**